ENtshona Koloni zininzi iindawo ezithiywe ngesiKhoekhoe. La magama abonisa izinto ezikhoyo kwimbali yeli phondo ekufuneka zigcinwe kananjalo zixatyiswe ukuze nezizukulwana zixhamle kuzo. La magama enza ukuba abantu bazingce kwaye babe nelunda nebango elilodwa ngokuthathelwa ingqalelo kwelifa lemveli lesiKhoekhoe ngokuthatha amagama aso kuthiywe iindawo ngawo, ngaloo ndlela kubandakanywa lonke uluntu.

Le bhrowutsha ikhuthaza, ikwaphakamisa namagama eendawo avela kwisiKhoekhoe kweli phondo. Ngale ndlela ke eli Sebe linika ingqalelo eli lifa lixhanyulwa ngabantu bonke beli phondo ngokwemveli yabo nenkcubeko yabo eyahlukileyo. Nanga amanye amagama ambalwa edweliswe apha ngezantsi:

## KOO

Isithili: Cape Winelands

Umasipala: Breede Valley neLangeberg

Iikho-odineyithi: 33°41'S19°54'E

Igama elithi "Koo" lithetha ukuthi into iyabanda – t'goaub, t'gaaub, kanti elithi "ku" lixele ukuba ngummandla, umhlaba okanye ilizwe.

IKoo ngummandla ophakathi kweMontagu neMatroosberg Station. Eli gama libhekisa kuhlobo lwevatala ebizwa ngokuba *yiFockea edulis* ekhula kulo mmandla. Kambe seyiligama elisetyenziswa njengophawu lwentengiso, ukutsho oko, ibhrendi oyibona kwiziqhamo ezinkonkxiweyo, emifunweni nakwijem.

## BIEDOUW

Isithili: UNxweme lwaseNtshona

Umasipala: Cederberg nePhondo loMntla Koloni

Iikho-odineyithi: 32°05'S19°18'E

Eli ligama lenkulelane yale ndawo ebizwa ngokuba yibiedou okanye bietou (Chry-santhemoides monilifera), kuthiywe ngalo umlambo waseBiedouw kwathiwa yiBiedouw River, isebe leDoring River, iintaba zaseBiedouw kunye neentlambo ezingqongileyo.

Iintaba zimalunga neekhilomitha ezingama-39 kumntla-mpuma weClanwilliam.

## LEEU-GAMKA

Isithili: Umbindi-Karoo

Umasipala: Prince Albert

Iikho-odineyithi: 32°46'25'S21°58'49'E

/Xam – u-X xa epelwa uthi G – uthetha ukuthi ingonyama, ze u-ka athethe ukuthi umlambo. Igama elithi Leeu neli lithi -Gamka ngamagama athetha ukuthi ingonyama ngesiBhulu okanye /Xam.

Idolophu yaseLeeu-Gamka imi phezu koMlambo iLeeu noMlambo iGamka. Eli gama lenziwe ngamagama amabini athetha into enye.

## KAROO (GREAT KAROO, LITTLE KAROO)

Isithili: UMbindi Karoo

Umasipala: Laingsburg, Beaufort West, Prince Albert

Iikho-odineyithi: 32°41'S19°54'E

/ka'ru: usuka kwigama lesiKhoekhoe elithi garo elithetha ukuthi intlango, ithafa elingumqwebedu, elilukhuni, elomileyo. Likwabizwa ngolu hlobo luthi Xhaeruh, Carrow, Carro, Karow, Karro.

ITankwa Karoo iphakathi kweentaba zaseCederberg naseRoggeveld (KwiPhondo laseMantla nelaseNtshona Koloni), yaye iMoordenaarskaroo ngummandla ophakathi kweLaingsburg neSutherland. Iintaba zaseSwartberg ziyahlula kubini iKaroo - yiGreat Karoo neLittle Karoo, yaye isuka empuma iye kutsho entshona, imelene nonxweme olusemazantsi, kodwa phakathi kwayo nolwandle kukho iiNtaba zeOuteniqua-Langeberg.

IGreat Karoo ilele ngakwiintaba ezisemantla eSwartberg , ze iLittle Karoo ibe ngasemzantsi.




## KNYSNA

Isithili: UMasipala wase-Eden

Umasipala: Knysna

Iikho-odineyithi: 33°51'S23°48'E

Igama elithi Knysna lithathwe kwigama lesiQhakancu elithi naizna elithetha ukuthi "imigxobhozo".

UKnysna ligama lomlambo, ichweba kunye nedolophu echophe phezu komlambo iKnysna. Ummandla lo wathiywa ngolu hlobo kuba umhlaba lo unemigxobhozo emininzi.

## IINTABA ZE-OUTENIQUA

Isithili: Eden

Umasipala: George

Iikho-odineyithi: 33°48'S23°50'E

Ou-teni-qua: teni = ubusi; qua = amadoda okanye abantu//Ou = ingxowa okanye. Xa silitolika lilonke lithetha ukuthi 'amadoda aphethe ubusi'.

I-Outeniqua kuthiwa sisizwana sooNoqhakancu base-Outeniqua esasihlala kwezi ntaba. Iintaba ze-Outeniqua ziphahle unxweme loMzantsi Afrika olusemazantsi. Zimelene nonxweme olu, ze zinabe zide ziye kuhlangana nezaseLangeberg empumalanga. Olu dederhu lweentaba zinabileyo lubizwa ngokuba yiSerra da Estrela (iNtaba yeNkwenkwezi) kwiimephu zesiPhuthukezi zakudala. Asafumaneka nanamhla oku amatye akroliweyo kulo mmandla.

Eyona ncopho iphakamileyo yezi ntaba yiCradock Peak: 1,578m (5,177 iinyawo).

## IINTABA ZETSITSIKAMMA

Isithili: Eden

Umasipala: George

Iikho-odineyithi: 33°51'S23°48'E

Igama elithi Zitzikamma - Tsitzikamma - tse -tsitsa – lithetha ukuthi amanzi acwengileyo acocekileyo, amahle, eli lithi 'gami' lithetha amanzi. UTsitsikamma uthetha ukuthi: "indawo enamanzi amaninzi."

Iintaba zaseTsitsikamma ludederhu lweentaba ezinabileyo ukusuka empuma ukuya entshona ezandlaleke apha kummandla weNtshona Koloni neMpuma Koloni owenza iGarden Route phakathi kweHumansdorp neGeorge.

Eyona ncopho iphezulu kunezinye: yiPeak Formosa: 1,675m (5,495 iinyawo).

## IMIQOLOMBA IKANGO CAVES

Isithili sase-Eden

Umasipala: Oudtshoorn

Iikho-odineyithi: 33°23'40'S22°12'54'E

Ligama elivela kwisiKhoekhoe eli. Igama elithi Kango lithetha ukuthi 'uqolo' okanye 'intaba emanzi'.

IKango ngummandla onxuse amathambeka eSwartberg, kwisithili saseOudtshoorn.  Imiqolomba yaseKango imalunga neekhilomitha ezingama-30 kumzantsi-ntshona we-Oudtshoorn kwiinduli zeSwartberg yaye zabhengezwa ngokuba ziyindawo yesikhumbuzo ngowe-1938.

## IGOUDINI

Isithili: Cape Winelands

Umasipala: Breede Valley

Iikho-odineyithi: 33°41'S19°19'E

IGoudini: ligama elisuka emagameni amabini esiKhoekhoe- Gou – uthetha ukuthi -krakra. Dini okanye Denni - uthetha ubusi – ubusi obukrakra.

Igama eli lalisetyenziswa ngamaKhoekhoe awayehlala kulo mmandla yaye nanamhla oku usabizwa ngalo ummandla weefama ekuthiwa yi-Old Goudini Farms ezinjengeSlanghoek, iKlipdrift, iGroot Vlakte, iGroot Eiland, Gevonden, iGoudmyn, iBoontjiesrivier, iDashbosch Rivier, iPokkekraal kunye neAan-de-Smalblaar.

## IHESSEQUA

Isithili: Eden

Umasipala: Hessequa

Iikho-odineyithi: 34°10'S21°15'E

Elona agama lichanekileyo leli lithi Hessaqua-ku  (u-Ku uthetha umhlaba, ummandla okanye ilizwe). Xa usithi Hessequa uthetha ukuthi abantu bemithi, isizwana esithile esisodwa samaKhoekhoe, amaHessequa awayehlala kuwo lo mmandla.

Umasipala uthatha wonke ummandla ophakathi kweentaba zeLangeberg nolwandlekazi i-Indian Ocean, zinabe ukusuka eBreede Rivier ngasentshona ukuya kutsho eGourits River ngasempuma, iSwellendam ngasentshona, iKannaland emantla, iOudtshoorn emntla-mpuma kunye neMosselbaai empumalanga.

*Apho zifumaneke khona ezi nkcukacha: Dictionary of South African Place Names eyapapashwa ngowama-2014 ibhalwe nguRaper, Möller noDu Plessis.*

*Uqweqwe: Rock Art, Monte Cristo, Clanwilliam. Umfanekiso uvela kuProf. John Parkington, Department of Archaeology, kwiYunivesiti yaseKapa.*


**Ukuba ufuna iinkcukacha eziphangaleleyo, qhagamshelana:**

**ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo**
**ICandelo laMaziko oLondolozo lweMbali, iLifa leMveli naMagama eeNdwawo**
**Umnxeba:  021 483 5959 okanye**
**i-imeyili:: Ceoheritage@westerncape.gov.za**

**www.westerncape.gov.za**



URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo



URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo




# Amagama eengingqi anveli ikwiilwimi zesiqhakancu kwiPhondo leNtshona Koloni